# Imbongi ye Zibuko.

(Ngu Chizama, E Crown Mines).

1. Ndiyeke ndilale wetu No Inki
Andilalanga pezolo kude kwasa
Ndipetwe ngumva-ndeJwa
Wani wetu ? Au ! we Zibuko.

2. Au ! Ndiyeke ndilale wakwenz' ukwenza
U Maxeke wavela ne Zibuko
Zapakam' intamo sesincamile
Sanga sesiwela kanti asikaweli.

3. Teta Cete ! Wat' umntu valani
Ama Zibuko angaweli Amakoloni
Kuyakonakala kuba kube kusa
Lungila xana elele ngokwa mabhadi.

4. Teta ! Nditi u Nomgcanabana u yise
Yimpundulu ekolis'ukuxentsa kwa
Lupindo apo itelulelwa kona ze
Yakuhluta imke no Mkutuka.

5. Teta ! Nditi hamba Nqbini
Sokulandela, teta kuti gongqo
Inkaba ayeva wena Amakoloni
Linye izwi lawo liti lipina Izibuko?

6. Teta Cete ! Ndisateta ntonina ngati kum
Kuzakuvokoteka nje, kuba lento iza
Kakuhle kuba itiwe c'u zinqeberu
Zamadoda avutiweyo wona, Au !

7. Teta Cete ! Nditi mpilo nde nto
Ka Piliso akuko kufa kuble
Konke kumkongolo pantsi kwe soyi
Izibuko, aloyamene nganto no Duladula.

8. Teta ! Nditi indoda ilahlwa pantsi
Kwe ndundma ihluti kungeko
Nebalana enganconywa ngalo
Ziziteti pezu kwe dlaka layo.

Shame !

9. Teta ! Kuba tina sise Zibukweni
Asazi mntu ungaba nesitukutezi yilonto
Asazi ukuba yintonina le basuke bangenwe kuzuza.
Asazi mntu ungasenza abaswel' ukucinga
Asazi mntu ungasinqandayo ebu Kolonini betu.

10. Teta ! Nditi kuni Makoloni ndini
Fuzani Onyokokulu, niti ukuba
Niyayenza into niyenze ningoyiki
Buso bamntu kuba anibanga nto
Yamntu. Umfelandawonye bo !
No ! a ngabantu nani. Vukani bo !
Pakamelani Izibuko ! Izibuko.

UMTETELI WA BANTU
(JOHANNESBURG)
AUGUST 13th, 1921.